



## USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kunye noNa'ibali



Amabali anamandla kakhulu! Ibali elithi, *Umzuzu wokugqibela*, libhalwe ngumbhali ophume izandla nowaphumelela iwonga lokubhala, uZukiswa Wanner, kwaye lizotyelwe ngumzobi weekhathuni odumileyo waseMzantsi Afrika, uRico. Lifundele abantwana abasebomini bakho ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, olungomhla wo-1, kweyoMdumba kowama-2018.

### Imisetyenzana nemidlalwana emi-5 yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi

1. Fundela abantwana bakho nabanye nje abantwana ibali elithi, *Umzuzu wokugqibela*, elikwiphepha le-2 nele-3. Ziqhelanise nokulifunda ngokuvakalayo amatyeli aliqela phambi kokuba ulifundele abantwana kwaye uze ukhumbule ukujikajika ilizwi lakho kangangoko xa ufundayo.
2. Phambi kokuba ulifunde ibali, buza ebantwaneni ukuba babekhe bayidlala na ibhola ekhatywayo ngaphambili, okanye bakha bawubukela emabaleni na umdlalo webhola ekhatywayo udlalwa okanye ukumabonwakude. Bakhuthaze ukuba babelane nawe ngaloo mava abo.
3. Emva kokuba ulifundile ibali, khuthaza abantwana bakho ukuba balitolike ngokubacela ukuba bazobe okanye bapeyinte umfanekiso weyona ndawo bayithandayo apha kulo.
4. Cwangciselela iNtsasa-yokuHlangana-neBali ngosuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi okanye ngempelaveki kwelo thuba. Memama abantwana ukuba beze nabazali babo. Bazise bonke ngeencwadi owaziyo ukuba zinamabali akulungeleyo ukufundwa ngokuvakalayo ngokuthi ubafundele kwezi ncwadi.
5. Zenzele ezakho iipowusta zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lowama-2018 ukwenzela ukusasaza ulwazi nokuqonda ukubaluleka kolu suku. Ukunye nabantwana, sikani oonobumba nemifanekiso kwiimagazini nakumaphephandaba, nizobe imifanekiso, nibhale awenu amagama nezenu izivakalisi, kwaye nisebenzise imifanekiso efunaneka kwiwebhusayithi kaNa'ibali (iyani kwicandelo elithi, "Story supplies" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Zenzeleni ezenu izilogani zokwazisa abantu, okanye nisebenzise esi sethu – Yabelanani ngebali namhlanje!



### Izinto ezi-8 ozizuzisa ngokufunda ngokuvakalayo

Ukufundela abantwana bakho ngokuvakalayo:

- kubabonisa ukuba uzixabisile iincwadi nokufunda.
- kukunika izinto onokuthetha ngazo kunye nabo.
- kwakha ukuqhogana nobudlelwane phakathi kwenu.
- kubavumela ukuba bakubone ukufunda njengento enomdla neyanelisayo.
- kubakhuthaza ukuba bafunde ukuzifundela ngokwabo, ukuze baqhubekeke befunda.
- kubabonisa indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi.
- kwenza ukuba bakwazi ukonwabela amabali abangekakwazi ukuzifundela wona ngokwabo.
- kuphuhlisa isigama sabo kunye nezakhono zabo zolwimi.



### Indlela ongazibandakanya ngayo

Yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ubhalise usapho lwakho, iklabhu yokufunda okanye isikolo sakho, uze ube negalelo ekwenzeni uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwalo nyaka lube ngowona mnyhadala wakhe wamkhulu eMzantsi Afrika!

# Umzuzu wokugqibela

Libali likaZukiswa Wanner

Imifanekiso izotywe nguRico

Liguqulelwe esiXhoseni nguKholisa Podile

"Ndiza kufaka amanqaku amabini namhlanje, Tata," watsho uNeo ngelixa enxiba iibhutsi zakhe zebhola ekhatywayo.

"Kwaye ndiza kuncedisa ngokongeza amanqaku amathathu kulawo, Malume," watsho uPriya owayesandul'ukufika kuloNeo ehamba nomntakwabo omncinane, uRahul.

URahul wayephethe ivuvuzela yakhe ebomvu krwe.


Wahleka uTata kaNeo. "Kulungile ke, ndiza kuhlala ethembeni lokuvuyisana nani kahlanu!"

"Nam, Malume! Ndingalubonisa uvuyo lwam?" wabuza uRahul.

"Ewe, nakanjani nyana," watsho utata kaNeo encedisa uMbali ekunxibeni izihlangu zakhe. "Masihambeni ke ngoku!"

Bonke bangena emotweni. UNeo wayehleli ngaphambili. Wayekhe wahlala apho amatyeli amaninzi ngaphambili. Wayeqinisekile ukuba xa uyise emvumela, iya kuthi yakuba mide ngokwaneleyo imilenze yakhe, akwazi kwangoko ukuqhuba imoto. Kwakubukeka kulula kakhulu oko. URahul noPriya bahlala ngasemva bexhage uMbali. Bamnyumbaza waza ke wagigitheka naye.


Ngephanyazo, babona sele befikile ebaleni lebhola. Babefike kanye ngexesha ukuze uPriya noNeo bakwazi ukujoyina amaqabane eqela labo leMaqhawe Football Club, ukuze nabo bazifudumeze ngokunjalo. Namhlanje babedlala neDiamond Football Club.



"Khumbulani ukuqinisekisa ukuba niza kuyifiphalisa ukukhanya kwayo kakhulu iDiamond Football Club de emva komdlalo inyanzeleke ukuba ilitshintshe igama layo, ibe yiCoal Football Club," watsho umqeqeshi.

Kungekudala lafika ixesha lokuba abadlali babaleke besiya kungena ebaleni. Usompempe wavuthela impempe yakhe, waza waqala umdlalo.

Umdlalo waqala ngokucothayo, kodwa waqalisa ukutshisa kungekudala. Kwakukho ingxolo enkulu kakhulu ngenxa yeentsapho zabantwana bamacala omabini amaqela ebhola, ababetsho ngesankxwe, bekhuthaza abantwana babo. Ibhola yayiba kwelinye icala lebala ithuba elithande ukuba lidana, kuthi xa kubonakala ngathi iya ngasezipalini, omnye wabadlali ayibe ayigxotho! Umdlalo waqhuba ngolo hlobo kwade kwaphela isiqingatha sokuqala.



"Ndikruqkile yile nto! Benithembise ukuba niza kufaka amanqaku," wayesitsho uRahul xa uNeo noPriya besondele, besiza kuphumla ngasemigceni esemacaleni.

"Ewe nangoku. UMbali ufuna amanqaku, uMbali ufuna amanqaku," waphindaphinda esitsho uMbali. "UMbali uyozela ngoku," woleka ngelitshoyo ezamla. UNeo noPriya basuka nje bayiwa intsini lo gama bebaleka ukuphindela kumaqabane eqela labo.



Yabelanani ngebali namhlanje!



Yakhala impempe baze bangena phakathi ebaleni kwakhona abadlali ukuze kuqalise isiqingatha sesibini. Umdlalo waqhuba ngendlela izinto ebezisenzeka ngayo kwisiqingatha sokuqala ... kwade kwasala umzuzu nje omnye!

Ibhola yayikuNeo. Walaqaza ejonga ukuba ingaba akakho na oweqela leDiamond okufutshane kuye. Nakanye, wayengamakishwanga, eyedwa jwi. Wabaleka waya phambili, eqhuba ibhola.

Ngephanyazo wathi gqi umdlali weDiamond. UNeo wayemjonge tsho emehlweni lo gama akhaba ibhola ethe

yaphuma phakathi kwemilenze yalo mdlali. Kwathi nkxwe ngababukeli, bekhwaza ngenxa yemincili.

Omnye umdlali weDiamond weza kuNeo ukuze axhwile loo bhola. Ngokukhawuleza, uNeo wayigqithisela kuPriya.

Wonke umntu wayebambe umphefumlo lo gama uPriya ethatha ibhola, eyikhaba ngamandla.

**LADUMA!**

Unozinti weDiamond zange ayibone nokuyibona ibhola xa isiza! UPriya wayelifakile inqaku.



Kungekagqithi nomzuzwana nje omnye, laphela ixesha. Uthe uPriya esabuyela phakathi emva kokubhiyozela inqaku, usompempe wayivuthela kakathathu impempe yakhe ukusonga umdlalo! IMaqhawe yayiwuphumelele umdlalo!

UNeo wavuya kangangokuba wabaleka waya kuPriya, wafika wamfunqula!



Bobabini babaleka ukuya kumaqabane eqela labo nakumqeqeshi wabo owayesecaleni lebala, baze bonke baxhawulana. Emva koko, uPriya noNeo bathi ngqe ukuya kutata kaNeo. URahul wayeyivuthela ngamandla ivuzuzela yakhe.

"Lo ibingumsebenzi omhle kakhulu noyifaneleyo iayisikhrim, Priya noNeo," watsho utata kaNeo. "Ingaba amaqhawe ethu amabini angakuthanda oko?"

"Ewe! Singakuvuyela kakhulu ukufumana iayisikhrim," wabaphendulela uMbali. Bahleka bonke akutsho.

UNeo wafunqula uMbali wambeleka xa babesiya kuthenga iayisikhrim. Nokuba akawafakanga amanqaku amabini njengoko ebefuna, kodwa uncedise itshomikazi yakhe ukuba ifake inqaku lempumelelo! UPriya yena? Wayevuya kakhulu kuba elo yayilingqaku lakhe lokuqala alifakele iMaqhawe. Isandi sevuzuzela kaRahul sasiluncuthu oluvakala ngathi ludlalelwa yena nje kuphela.





## Yenza ibheji!

1. Sika ukhuphe ibheji ulandela umgcana ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji kwikhadibhodi ephephepe, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

Sithumelele imifanekiso yabantwana bakho benxibe iibheji zabo ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Thumela i-imeyile ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) okanye wabelane nathi ngaloo mifanekiso yakho kwikhasi lethu likaFacebook!

## Malunga noNal'ibali

UNal'ibali, ontsusa yakhe isekusondezeni abaphulaphuli ukuza kumamela ibali, liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa. Injongo yalo kukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela, ukuze ukufunda, ukubhala nokwabelana ngamabali – ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika –

kube yinxenye yobomi bemihla ngemihla.

Abantwana abangqongwe kokuprintiweyo nabathabathekayo ngamabali amnandi abhalwe ngeelwimi abazaziyo, babanokufuna ukwazi ngakumbi, bazithembe baphembeleleke



ekufundeni. Aba bantwana ibangabafundi bokwenene, kwaye oko kubenze baqhube kakuhle esikolweni kuzo zonke izifundo. Amabali aphuhlisa isigama, omeleze ukukhumbula, aze akhulise intelekelelo, ingqikelelo nemifanekiso-ngqondweni yabantwana.

Ukususela ngonyaka wama-2012, uNal'ibali usebenzisene namaqabane ohlukeneyo avela eburhulumenteni, kuluntu ngokubanzi kwakunye naworhwebo ukuqinisekisa ukuba wonke umntwana waseMzantsi Afrika ufumana amathuba okuthandana neencwadi kunye namabali. Amaqabane esasungula nawo eli phulo aquka: iDG Murray Trust, iPRAESA (Project for the Study of Alternative Education in South Africa) kumye neTiso Blackstar (eyayisakuba yiTimes Media). UNal'ibali uncedisa ekukhuliseni nasekwaluseni isizwe sabantu abafundayo ngenkxaso yakhe ayishumayezayo, ngoqeqesho nangezixhobo zokufunda zodidi oluphezulu.

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye ungasebenzisa nayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: